



Ikota 3 : Term 3



**Bala
Wande**

Calculating with Confidence

IMathematika

Mathematics

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi
Learner Activity Book

IsiXhosa : English

Le ncwadi sisiqhamo sentsebenziswano phakathi kweqela elibizwa ngokuba yi *Bala Wande-Magic Classroom Collective team* kunye neqela lokuqinisekisa elenziwe ngabantu-ngabantu abakwiiyunivesithi eziliqela ezahlukileyo, imibutho engalawulwa ngurhulumente (NGOs) esebenza ngemathematika kwakunye neSebe leMfundo esiSiseko. Ezi zixhobo zokufunda zithathela kwiincwadi zemisebenzi eziqulunqwe liSebe leMfundo esiSiseko nakuphindaphindo lwezicwangciso zezifundo (GPLMS, Jika iMfundo, NECT neTMU). Iibhokisi zezixhobo zokusebenza ngobuchule zeBala Wande zayilwa ngokucebisana nabakwaJade Education. Ezi bhokisi zinezixhobo zodidi oluphezulu eziyinxalenye ebalulekileyo yenkqubo yokufundisa nokufunda.

The development of this workbook was carried out by the collaborative *Bala Wande-Magic Classroom Collective team* in consultation with a reference team made up of individuals from several universities, mathematics NGOs and the Department of Basic Education. These materials draw on the DBE workbooks and existing iterations of lesson plans (GPLMS, Jika iMfundo, NECT and TMU). The Bala Wande manipulative boxes were designed in consultation with Jade Education. The boxes provide high quality materials which are an integral part of the teaching and learning programme.

Artists: Mary-Anne Hampton and Angie Bowring

Photos on page 66: Freepik

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-59-7

Version 3.0: 2024



Anyone is free to **share** (copy and redistribute the material in any medium or format) or **adapt** (remix, transform and build on the material for any purpose), provided that you credit the work as follows:
Bala Wande, IMathematika INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, IBanga 2, Ikota 3, CC BY 4.0.

You may not add terms or measures that legally restrict others from doing anything the licence permits.

For more information: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

ISIQULATHO : CONTENTS

IVEKI 1 • UKUHAMBA NGOMGCAMANANI WEEK 1 • WALKING ALONG THE NUMBER LINE.....	2
USUKU 1 • DAY 1 Fumana inani Find the number	2
USUKU 2 • DAY 2 Fumana inani Find the number	4
USUKU 3 • DAY 3 Likude kangakanani ishumi elilandelayo? How far to the next ten?.....	6
USUKU 4 • DAY 4 Ama-10 nemivo 10s and 1s.....	8
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	10
 IVEKI 2 • UKUDIBANISA NOKUTHABATHA KUMGCAMANANI	
WEEK 2 • ADDING AND SUBTRACTING ON THE NUMBER LINE	12
USUKU 1 • DAY 1 Ukufumana ishumi Finding the ten	12
USUKU 2 • DAY 2 Ukudibanisa kumgcamanani Adding on a number line.....	14
USUKU 3 • DAY 3 Likude kangakanani ishumi elidlulileyo? How far to the previous ten?.....	16
USUKU 4 • DAY 4 Ukuthabatha kumgcamanani Subtracting on the number line.....	18
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	20
 IVEKI 3 • UPHATHO LWEDATHA WEEK 3 • DATA HANDLING	22
USUKU 1 • DAY 1 Uphatho lwedatha Data handling	22
USUKU 2 • DAY 2 Uphatho lwedatha Data handling	25
USUKU 3 • DAY 3 Ukubonisa iincukacha Representing data.....	28
USUKU 4 • DAY 4 Ukusebenza ngedatha yexesha Working with time data	30
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	32
 IVEKI 4 • UKUDIBANISA AMA-10 NEMIVO WEEK 4 • ADDING 10S AND 1S	34
USUKU 1 • DAY 1 Ukudibanisa amashumi Adding tens.....	34
USUKU 2 • DAY 2 Ukudibanisa ama-10 nemivo Adding 10s and 1s.....	36
USUKU 3 • DAY 3 Ukudibanisa ama-10 nemivo Adding 10s and 1s.....	38
USUKU 4 • DAY 4 Iingxaki zamagama zokudibanisa Addition word problems.....	40
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	42
 IVEKI 5 • UKUTHABATHA AMA-10 NEMIVO WEEK 5 • SUBTRACTING 10S AND 1S.....	44
USUKU 1 • DAY 1 Ukuthabatha amashumi Subtracting tens.....	44
USUKU 2 • DAY 2 Ukuthabatha ama-10 nemivo Subtracting 10s and 1s.....	46
USUKU 3 • DAY 3 Ukuthabatha ama-10 nemivo Subtracting 10s and 1s.....	48
USUKU 4 • DAY 4 Ukuthabatha ama-10 nemivo Subtracting 10s and 1s.....	50
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	52
 IVEKI 6 • AMANANI UKUYA KWI-100 WEEK 6 • NUMBERS TO 100	54
USUKU 1 • DAY 1 Isikwere se-100 100 square	54
USUKU 2 • DAY 2 Ndiyazi ... ngoko ke ndiyazi I know ... therefore I know	56
USUKU 3 • DAY 3 Elingaphezulu ngeshumi nelingaphantsi ngeshumi Ten more and ten less.....	58
USUKU 4 • DAY 4 Heshthegi! Hashtag!.....	60
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	62

IVEKI 7 • IIPATHENI WEEK 7 • PATTERNS	64
USUKU 1 • DAY 1 Qhubeka nepatheni Continue the pattern	64
USUKU 2 • DAY 2 lipatheni zejometri Geometric patterns	66
USUKU 3 • DAY 3 lipatheni zejometri Geometric patterns	68
USUKU 4 • DAY 4 lipatheni zejometri Geometric patterns	70
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	72
IVEKI 8 • MASITHETHE NGEXESHA WEEK 8 • LET'S TALK ABOUT TIME	74
USUKU 1 • DAY 1 Ikhalenda The calendar	74
USUKU 2 • DAY 2 Ukuxela ixesha - ngamanani Telling the time - digital	76
USUKU 3 • DAY 3 Ukuxela ixesha - ngamasiba Telling the time - analogue	78
USUKU 4 • DAY 4 liyure neziqingatha zeyure Hours and half hours	80
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	82
IVEKI 9 • UKWENZA AMAQELA ALINGANAYO WEEK 9 • MAKING EQUAL GROUPS	84
USUKU 1 • DAY 1 Amaqela ezi-2 Groups of 2	84
USUKU 2 • DAY 2 Amaqela ezi-5 Groups of 5	86
USUKU 3 • DAY 3 Amaqela e-10 Groups of 10	88
USUKU 4 • DAY 4 lingxaki zemali Money problems	90
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	92
IVEKI 10 • UHLAZIYO WEEK 10 • REVISION	94
USUKU 1 • DAY 1 Ukudibanisa ukuya kuma-75 Addition to 75	94
USUKU 2 • DAY 2 Ukuthabatha ukuya kuma-75 Subtraction to 75	96
USUKU 3 • DAY 3 lingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha Addition and subtraction word problems	98
USUKU 4 • DAY 4 Ukusebenza ngemali Working with money	100
USUKU 5 • DAY 5 Ukusebenza ngemali Working with money	102
IZIXHOBO ZOKUFUNDA RESOURCES	104
Izikwere ezili-100 100 square	104
Amagama amanani Number names	105
Imali yaseMzantsi Afrika South African money	106
Iimilo ze-2D 2-D shapes	107
Izinto zemilo ye-3D 3-D objects	108



Ukusebenzisa incwadi yemisebenzi yabafundi yeBala Wande

Le ncwadi yemisebenzi yabafundi inemisebenzi elungiselelwe iintsuku ezingama-50 zokufundisa kwikota yesi-3. Kukho imisebenzi yophuhliso lwengqiqo, imisebenzi yomfundi ngamnye kwakunye nemidlalo apho abafundi baya kudlala ngababini okanye ngokwamaqela. Iimpendulo zale misebenzi zingabhalwa kwakule ncwadi.

Imisebenzi ekule ncwadi ibhalwe ngeelwimi ezimbini. Siyathemba ukuba ukusebenzisa iilwimi ezimbini kuya kubanceda abafundi bafunde baze bawaqhele amagama emathematika ngolwimi lwabo lwasekhaya nangesiNgesi. Ukwenza njalo kuya kubaxhobisa bakulungele ukufunda imathematika ubomi babo bonke.

Ukuba abafundi bathi gqolo ukwenza imisebenzi yabo yonke imihla ngazo zonke iikota, baya kuyigqiba yonke ikharithyulam yemathematika yonyaka. Siyathemba ukuba le misebenzi ilapha iya kuba yindlela enoyolo yokubanceda ekufumaneni ulwazi lwemathematika olusisiseko.

Ukuqala kosuku ngalunye olutsha kuboniswe ngebhanile eluhlaza.

IVEKI • WEEK


1

USUKU 1 • DAY 1

Ukuboniswa kwamanani

Representation of numbers

Ngezantsi kwebhanile kukho iflowutshathi eshwankathela ukulandelelana kwemisebenzi yolo suku.



Izibalo zentloko ziya kuba ngumsebenzi wokuqala yonke imihla. Lo msebenzi uya kukhokelwa ngutitshala.

Onke amanye amaphepha asencwadini alungiselelwe abafundi ukuba basebenzele kuwo ngokunokwabo okanye ngokwamaqela kodwa bekhokelwa kwaye bencediswa ngutitshala. La maphepha ingangamaphepha okusebenzela okanye imidlalo eyenzelwe ukubethelela isigama esifundiswe ngolo suku. Imidlalo iboniswe ngokusebenzisa iikhathuni okanye oopopayi ukubonisa indlela omawudlalwe ngayo umdlalo.

2 Bonisa inani ngokusebenzisa amachokoza, izinti zokubala, iisimboli kunye namagama.

Show the number using dots, tallies, symbols and words.

		6
thandathu six		

Yonke imiyalelo neenkukacha zinikwe ngesiXhosa nangenguqulelo yesiNgesi ngezantsi.

Amaphepha emisebenzi yomfundi anemizekelo esele yenziwe (iboniswa ngombala ongwevu nangepenisile ebomvu).

Usuku lwesi-5 lweveki nganye lulungiselelwe uqukaniso novavanyo.

Using the Bala Wande Learner Activity Book

This Learner Activity Book has activities planned for 50 days of teaching in Term 3. There are concept development activities, individual learner activities and games for learners to play in pairs and groups. Answers to the activities can be written in this book.


The material is presented using a bilingual format. We hope that presenting the activities in two languages will help learners to become familiar with maths words in both their home language and in English. This will equip them for lifelong learning of maths.

If learners work systematically through these workbook-style activities every day and every term, they will cover the whole maths curriculum for the year. We hope that these activities will be a fun way to help them acquire foundational maths knowledge.

The start of each new day is shown with a green banner.



Underneath the banner is a flow diagram that summarises the sequence of activities for the day.



Mental Maths is the first activity every day. The teacher will lead this activity.

All the other pages in the book are for learners to work on independently or in groups with guidance and support from the teacher. They may be worksheets or games, for consolidation of the concepts covered that day. Games are presented using cartoons of learners to show how the game should be played.

- 2 Bonisa inani ngokusebenzisa amachokoza, izinti zokubala, iisimboli kunye namagama.

Show the number using dots, tallies, symbols and words.

	thandathu six	

All instructions and information are given in isiXhosa with an English translation below.

Learner worksheets have a worked example (indicated by the grey background and the red pencil).

Day 5 of each week is planned for consolidation and assessment.



Fumana inani Find the number

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGO-1/
LINGAPHANTSI NGO-1
1 MORE/1 LESS

UMDLALO
GAME


UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: Likude kangakanani i-10 elilandelayo?




Game: How far to the next 10?

- Sebenzani ngababini?
Work in pairs.
- Khetha inani.
Choose a number.
- Ngubani i-10 elilandelayo?
What is the next 10?
- Likude kangakanani i-10 elilandelayo?
How far to the next 10?
- Phinda kwakhona!
Do it again!



Yenza ichaphaza uze ubhale inani kumgcamanani. Ulifumana njani inani?

Draw a dot and write the number on the line. How do you find the number?



I-14
lingaphantsi
ngoNye kune-15.
14 is one less
than 15.






Imigcamanani ingabonisa
amanani ahlukeneyo.
Uqala kweliphi inani lo mgcamanani?
Uphela ngeliphi inani umgcamanani?

Number lines can show different numbers.
At what number does this number line start?
At what number does this number line end?



2 Yenza ichokoza uze ubhale inani emgceni.

Draw a dot and write the number on the line.



3 Gqibezela izivakalisi manani.

Complete the number sentences.

$17 + \underline{3} = 20$	$14 + \underline{\quad} = 20$	$15 + \underline{\quad} = 20$	$12 + \underline{\quad} = 20$
$28 + \underline{\quad} = 30$	$26 + \underline{\quad} = 30$	$21 + \underline{\quad} = 30$	$22 + \underline{\quad} = 30$

Fumana inani Find the number

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGEZI-2/
LINGAPHANTSI NGEZI-2
2 MORE/2 LESS


UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS




Jonga le migcamanani mibini.
Ifana ngantoni? Yintoni umahluko?
Look at these two number lines.
What is the same? What is different?



1 Gqibezela.

Complete.











2 Yenza ichokoza uze ubhale inani kumgcamanani.

Draw a dot and write the number on the line.



3 Funa inani kumgcamanani. Yenza ichokoza elikhulu.

Find the number on the number line. Draw a big dot.



Find the number

Week 1 • Day 2

5

Likude kangakanani ishumi elilandelayo? How far to the next ten?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGEZI-3/
LINGAPHANTSISI NGEZI-3
3 MORE/3 LESS

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1 Yenza ichokoza uze uphawule inani. Leliphi i-10 elilandelayo?
Likude kangakanani i-10 elilandelayo?

Draw a dot and label the number. What is the next 10? How far to the next 10?

4

i-10 elilandelayo Next 10	10
Likude kangakanani? How far?	6

13

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

8

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

14

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

2 Gqibezela izivakalisi manani.

Complete the number sentences.

$16 + 4 = 20$	$12 + \underline{\quad} = 20$	$11 + \underline{\quad} = 20$	$14 + \underline{\quad} = 20$
$15 + \underline{\quad} = 20$	$13 + \underline{\quad} = 20$	$17 + \underline{\quad} = 20$	$19 + \underline{\quad} = 20$

3 Yenza ichokoza kwinani. Leliphi i-10 elilandelayo? Likude kangakanani i-10 elilandelayo?

Draw a dot at the number. What is the next 10? How far to the next 10?

17

i-10 elilandelayo Next 10	20
Likude kangakanani? How far?	3

26

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

47

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

63

i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

4 Gqibezela izivakalisi manani.

Complete the number sentences.

$38 + \underline{2} = 40$	$33 + \underline{\quad} = 40$	$36 + \underline{\quad} = 40$	$32 + \underline{\quad} = 40$
$48 + \underline{\quad} = 50$	$42 + \underline{\quad} = 50$	$46 + \underline{\quad} = 50$	$41 + \underline{\quad} = 50$

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGEZI-4/
LINGAPHANTSI NGEZI-4
4 MORE/4 LESS






UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1 Sombulula usebenzise
umgcamanani.
Solve using the number line.

Uyabona? Siyakwazi ukudibanisa imivo
kwaye siyakwazi nokudibanisa ama-10!
Can you see? We can add in 1s
and we can also add in 10s!



2

$1 + 3 = 4$	$4 + 4 = \underline{\quad}$	$3 + 5 = \underline{\quad}$	$6 + 3 = \underline{\quad}$
$10 + 30 = 40$	$40 + 40 = \underline{\quad}$	$30 + 50 = \underline{\quad}$	$60 + 30 = \underline{\quad}$

$3 + 2 = \underline{\quad}$	$4 + 5 = \underline{\quad}$	$3 + 3 = \underline{\quad}$	$5 + 4 = \underline{\quad}$
$30 + 20 = \underline{\quad}$	$40 + 50 = \underline{\quad}$	$30 + 30 = \underline{\quad}$	$50 + 40 = \underline{\quad}$

3 Sombulula ubonise kumgcamanani.

Solve by showing on the number line.

Uyabona? Siyakwazi nokuthabatha imivo nama-10!

Can you see? We can also subtract in 1s and 10s!



$$9 - 3 = \underline{6}$$



$$90 - 30 = \underline{60}$$



$$8 - 2 = \underline{\quad}$$




$$80 - 20 = \underline{\quad}$$



$$7 - 4 = \underline{\quad}$$



$$70 - 40 = \underline{\quad}$$



4



$6 - 2 = \underline{4}$	$9 - 3 = \underline{\quad}$	$8 - 4 = \underline{\quad}$	$7 - 4 = \underline{\quad}$
$60 - 20 = \underline{40}$	$90 - 30 = \underline{\quad}$	$80 - 40 = \underline{\quad}$	$70 - 40 = \underline{\quad}$

$10 - 5 = \underline{\quad}$	$9 - 5 = \underline{\quad}$	$4 - 2 = \underline{\quad}$	$8 - 5 = \underline{\quad}$
$100 - 50 = \underline{\quad}$	$90 - 50 = \underline{\quad}$	$40 - 20 = \underline{\quad}$	$80 - 50 = \underline{\quad}$

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!



NgesiXhosa sithi:

Fumana inani.

Likude kangakanani kwishumi elilandelayo?

Likude kangakanani kwishumi elidlulileyo?

Ndiyazi ukuba $2 + 6 = 8$,

ngoko ke, ndiyazi ukuba $20 + 60 = 80$.

Ndiyazi ukuba $9 - 5 = 4$,

ngoko ke, ndiyazi ukuba $90 - 50 = 40$.

In English we say:

Find the number.

How far to the next ten?

How far to the previous ten?

I know that $2 + 6 = 8$,



therefore I know that $20 + 60 = 80$.

I know that $9 - 5 = 4$,

therefore I know that $90 - 50 = 40$.

1 Yenza ichokoza ukuze ubonise inani kumgcamanani.

Draw a dot to show the number on the number line.



2 Gqibezela izivakalisi manani.


Complete the number sentences.

$4 + 2 = \underline{\quad}$	$8 + 1 = \underline{\quad}$	$5 + 2 = \underline{\quad}$	$3 + 3 = \underline{\quad}$
$40 + 20 = \underline{\quad}$	$80 + 10 = \underline{\quad}$	$50 + 20 = \underline{\quad}$	$30 + 30 = \underline{\quad}$
$8 - 3 = \underline{\quad}$	$6 - 5 = \underline{\quad}$	$9 - 4 = \underline{\quad}$	$7 - 2 = \underline{\quad}$
$80 - 30 = \underline{\quad}$	$60 - 50 = \underline{\quad}$	$90 - 40 = \underline{\quad}$	$70 - 20 = \underline{\quad}$

- 3 Yenza ichokoza uze uphawule inani. Leliphi i-10 elilandelayo? Likude kangakanani kwishumi elilandelayo?


Draw a dot and label the number. What is the next 10? How far to the next 10?

2




i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

17



i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

5



i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

- 4 Funa amanani ashinyiweyo.

Find the missing numbers.

$23 + \underline{\quad} = 30$	$19 + \underline{\quad} = 20$	$8 + \underline{\quad} = 10$	$14 + \underline{\quad} = 20$
$41 + \underline{\quad} = 50$	$55 + \underline{\quad} = 60$	$3 + \underline{\quad} = 10$	$44 + \underline{\quad} = 50$

- 5 Sombulula ubonise kumgcamanani.

Solve by showing on the number line.

$$10 + 60 = \underline{\quad}$$

$$90 - 50 = \underline{\quad}$$

Ukufumana ishumi

Finding the ten

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUSUKA KWELONA LIKHULU
UYE KWELONA LINCINCI
BIGGEST TO SMALLEST

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIYO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: Ukwakha ngamashumi


Game: Building with tens

$$27 + 8 =$$


- Sebenzisa iibloko zakho zesiseko seshumi.
Use your base ten blocks.
- Sombulula umbuzo awubhale ebhodini utitshala wakho.
Solve the question your teacher writes on the board.
- Phinda kwakhona!
Do it again!









Sinamashumi ama-3 kunye ne-5, ke $27 + 8 = 35$.
We have 3 tens and 5 ones, so $27 + 8 = 35$.



Ndigcina ama-36 entloko. Likude kangakanani ishumi ELILANDELAYO?
I put 36 in my head. How far to the NEXT ten?




I Leliphi i-10 elilandelayo? Likude kangakanani i-10 elilandelayo?
What is the next 10? How far to the next 10?




2 Fumana inani. Leliphi i-10 elilandelayo? Likude kangakanani i-10 elilandelayo?


Find the number. What is the next 10? How far to the next 10?




i-10 elilandelayo Next 10	20
Likude kangakanani? How far?	6



i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	



i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	



i-10 elilandelayo Next 10	
Likude kangakanani? How far?	

3 Gqibezela izivakalisi manani.

Complete the number sentences.

$67 + \underline{3} = 70$	$64 + \underline{\quad} = 70$	$76 + \underline{\quad} = 80$	$73 + \underline{\quad} = 80$
$85 + \underline{\quad} = 90$	$82 + \underline{\quad} = 90$	$95 + \underline{\quad} = 100$	$97 + \underline{\quad} = 100$

Ukudibanisa kumgcamanani

Adding on a number line

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUSUKA KWELONA LIKHULU
UYE KWELONA LINCINCI
BIGGEST TO SMALLEST

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIYO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS



Maxa wambi xa sidibanisa,
siwelela ngaphaya kweshumi
elilandelayo! Libulise qho i-10
phambi kokuba uwele!

Sometimes when we add,
we cross over the next 10! Always
greet the 10 before crossing!

Ndiqala kuma-27!


I start at 27!

Nditsibela kwi-10 elilandelayo!

$$27 + 3 = 30.$$

I jump to the next 10!

$$27 + 3 = 30.$$



Ukudibanisa isi-8 kuyafana
nokudibanisa ezi-3 uze
uphinde wongeze ezi-5.

Adding 8 is the same as
adding 3 and then adding 5.



Kufuneka nditsibele phambili kasi-8.
Senditsibe ka-3. Kufuneka ndenze
imitsi emi-5 ngaphezulu!





I need to jump forward 8.


I have already jumped 3.


I jump forward 5 more!


I Dibanisa usebenzise umgcamanani.


Add using the number line.





$$47 + 9 = \underline{\quad}$$


$$45 + 7 = \underline{\quad}$$


$$67 + 8 = \underline{\quad}$$


$$65 + 9 = \underline{\quad}$$


$$88 + 5 = \underline{\quad}$$


$$86 + 6 = \underline{\quad}$$


2

$27 + 8 = \underline{35}$	$25 + 9 = \underline{34}$	 UBrian ufunde amaphepha angama-35. Ufunda amaphepha asi-8 ngaphezulu. Mangaphi amaphepha awafundileyo ewonke? Brian read 35 pages. He reads 8 more pages. How many pages has he read altogether?
$37 + 8 = \underline{\quad}$	$35 + 9 = \underline{\quad}$	
$47 + 8 = \underline{\quad}$	$45 + 9 = \underline{\quad}$	
$57 + 8 = \underline{\quad}$	$55 + 9 = \underline{\quad}$	

Likude kangakanani ishumi elidlulileyo?

How far to the previous ten?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUSUKA KWELONA LINCINCI
UYE KWELONA LIKHULU
SMALLEST TO BIGGEST


UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIYO
CONCEPT DEVELOPMENT







AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS



Xa ndithabatha ndiyazibuza,
likude kangakanani i-10 elidlulileyo?
When I subtract, I ask myself,
how far to the previous 10?




1 Kukude kangakanani
kwi-10 elidlulileyo?
How far to the previous 10?




2 Bhala inani kwichokoza. Bigela i-10 elidlulileyo.
Likude kangakanani i-10 elidlulileyo?

Write the number at the dot. Circle the previous 10. How far to the previous 10?



i-10 elidlulileyo Previous 10	30
Likude kangakanani? How far?	6




i-10 elidlulileyo Previous 10	
Likude kangakanani? How far?	

Ndiqala kuma-34.
I start at 34.
Nditsibela ngasemva ukuya
kwi-10 elidlulileyo.
I jump back to the previous 10.



$$34 - 6 = 28$$

4 2



Ukuthabatha isi-6 kuyafana
nokuthabatha ezi-4 uze
uphinde uthabathe ezi-2!
Subtracting 6 is the same
as subtracting 4 and
then subtracting 2!




Kufuneka ndithabathe isi-6.
Sendenze imitsi emi-4 ebuya
umva. Ngoko ke, ndibuya umva
imitsi emi-2.
I need to subtract 6. I have
already jumped back 4. Therefore,
I jump back 2 more.


3 Thabatha usebenzise umgcamanani.

Subtract using the number line.


$33 - 7 = \underline{\quad}$




$32 - 5 = \underline{\quad}$




$34 - 8 = \underline{\quad}$



$35 - 9 = \underline{\quad}$



$38 - 9 = \underline{\quad}$



How far to the previous ten?

Week 2 • Day 3

17

Ukuthabatha kumgcamanani

Subtracting on the number line

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUSUKA KWELONA LINCINCI
UYE KWELONA LIKHULU
SMALLEST TO BIGGEST







UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIYO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1 Thabatha usebenzise umgcamanani. Bulisa i-10!

Subtract using the number line. Greet the 10!



2

$20 - 4 = 16$	$60 - 3 = \underline{\quad}$
$30 - 5 = \underline{\quad}$	$70 - 6 = \underline{\quad}$
$40 - 3 = \underline{\quad}$	$80 - 7 = \underline{\quad}$

UAsanda unee-R50. Uthenga iapile ngee-R6. Yimalini itshintshi ayifumanayo?


Asanda has R50. He buys an apple for R6. How much change does he get?

3 Thabatha usebenzise umgcamanani. Bulisa i-10!


Subtract using the number line. Greet the 10!




$22 - 6 = \underline{\quad}$




$45 - 7 = \underline{\quad}$




$63 - 8 = \underline{\quad}$




$85 - 9 = \underline{\quad}$



$72 - 6 = \underline{\quad}$



$54 - 7 = \underline{\quad}$



4



$60 - 5 = \underline{55}$	$60 - 3 = \underline{\quad}$	UMphumzi unee-R50. Uthenga irolo yee-R8. Yimalini itshintshi ayifumanayo? Mpumzi has R50. He buys a roll for R8. How much change does he get?
$70 - 4 = \underline{\quad}$	$70 - 6 = \underline{\quad}$	
$80 - 6 = \underline{\quad}$	$80 - 7 = \underline{\quad}$	
$90 - 2 = \underline{\quad}$	$90 - 9 = \underline{\quad}$	

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

Tsibela phambili.

Tsiba ubuye umva.

Likude kangakanani ishumi elilandelayo?

Likude kangakanani ishumi elidlulileyo?

Dibanisa.

Thabatha.

Umgcamanani

In English we say:

Jump forward.

Jump back.

How far to the next ten?

How far to the previous ten?

Add.

Subtract.

Number line



- 1 Bhala inani elikwichokoza. Leliphi i-10 elilandelayo?
Kukude kangakanani ukuya kwi-10 elilandelayo?

Draw a dot on the number line to show the number. What is the next 10?
How far to the next 10?




- 2 Gqibezela izivakalisi manani.


Complete the number sentences.


$4 + 2 = \underline{\quad}$	$8 + 1 = \underline{\quad}$	$5 + 2 = \underline{\quad}$	$3 + 3 = \underline{\quad}$
$40 + 20 = \underline{\quad}$	$80 + 10 = \underline{\quad}$	$50 + 20 = \underline{\quad}$	$30 + 30 = \underline{\quad}$
$8 - 3 = \underline{\quad}$	$6 - 5 = \underline{\quad}$	$9 - 4 = \underline{\quad}$	$7 - 2 = \underline{\quad}$
$80 - 30 = \underline{\quad}$	$60 - 50 = \underline{\quad}$	$90 - 40 = \underline{\quad}$	$70 - 20 = \underline{\quad}$


3 Sombulula usebenzise umgcamanani.


Solve using the number line.


$$44 + 9 = \underline{\quad}$$


$$57 + 6 = \underline{\quad}$$


$$68 + 5 = \underline{\quad}$$


$$33 - 9 = \underline{\quad}$$


$$64 - 8 = \underline{\quad}$$


$$75 - 7 = \underline{\quad}$$


4 U Lisakhanya ufunda amaphepha angama-46. Ufunda amaphepha ali-9 ngaphezulu. Mangaphi amaphepha awafundileyo ewonke?

Lisakhanya reads 46 pages. She reads 9 more pages. How many pages does she read altogether?

5 UNtando unee-R73. Uchitha ii-R7. Unamalini eshiyekileyo?

Ntando has R73. He spends R7. How much does he have left?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGESI-5/
LINGAPHANTSI NGESI-5
5 MORE/5 LESS

UMDLALO
GAME


UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: Imath ekhawulezayo ngamaKhadi - lingaphezulu okanye lingaphantsi ngesi-5

Game: Fast maths with cards – 5 more and less

- Dlalani ngababini.
Play in pairs.
- Xuba amakhadi akho amanani 0–20.
Mix your 0–20 number cards.
- Khwaza lingaphezulu ngesi-5
okanye lingaphantsi ngesi-5.
Call 5 more or 5 less.
- Phinda kwakhona!
Do it again!



isikwere square	3	imboxo oval		ixande rectangle	
unxantathu triangle			isangqa circle		



10					
9					
8					
7					
6					
5					
4					
3					
2					
1					
	isikwere square	unxantathu triangle	isangqa circle	ixande rectangle	imboxo oval

Sebenzisa igrafu yomfanekiso ukuze uphendule imibuzo.

Use the pictograph to answer the questions.

Zeziphi ezininzi kwesinazo, zizikwere okanye zezimboxo?

Which do we have more of, squares or ovals?

Yintoni umahluko phakathi kwenani lezikwere nenani lemibhoxo?

What is the difference between the number of squares and the number of ovals?

Zeziphi ezimbalwa kwesinazo, ziingxande okanye ngoonxantathu?

Which do we have less of, rectangles or triangles?

Yintoni umahluko phakathi kwenani loonxantathu nenani leengxande?

What is the difference between the number of triangles and the number of rectangles?

2

Imibala yeentyatyambo esiyithandayo

Our favourite flower colours

10					
9					
8					
7					
6					
5					
4					
3					
2					
1					
					

Zingaphi iintyatyambo ezibomvu ezikhoyo?

How many red flowers are there?

Zingaphi iintyatyambo ezimsobo ezikhoyo?

How many purple flowers are there?

Zingaphi iintyatyambo ezimthubi ezikhoyo?

How many yellow flowers are there?

Ngowuphi umbala wentyatyambo othandwa kakhulu?

What is the most popular flower colour?

Ngowuphi umbala wentyatyambo othandwa kancinci?

What is the least popular flower colour?

Yintoni umahluko phakathi kwenani leentyatyambo eziluhlaza nenani leentyatyambo ezizuba?

What is the difference between the number of green flowers and the number of blue flowers?

Yintoni umahluko phakathi kwenani leentyatyambo ezimsobo nenani leentyatyambo ezibomvu?

What is the difference between the number of purple flowers and the number of red flowers?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGESI-5/
LINGAPHANTSI NGESI-5
5 MORE/5 LESS

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1

Iintsuku zokuzalwa eklasini yethu

Birthdays in our class

20						
19						
18						
17						
16						
15						
14						
13						
12						
11						
10						
9						
8						
7						
6						
5						
4						
3						
2						
1						
	eyoMqungu January	eyoMdumba February	eyoKwindla March	ekaTshaziimpuzi April	ekaCanzibe May	eyeSilimela June

Iintsuku zokuzalwa eklasini yethu

Birthdays in our class

10						
9						
8						
7						
6						
5						
4						
3						
2						
1						
	eyoMqungu January	eyoMdumba February	eyoKwindla March	ekaTshaziimpuzi April	ekaCanzibe May	eyeSilimela June

Sebenzisa igrafu yemifanekiso ukuze uphendule imibuzo.

Use the pictograph to answer the questions.

Bangaphi abantwana abaneentsuku zokuzalwa ngeyoMqungu?

How many children had birthdays in January?

Bangaphi abantwana abaneentsuku zokuzalwa ngekaTshaziimpuzi?

How many children had birthdays in April?

Bangaphi abantwana ababeneentsuku zokuzalwa kwisiqingatha sokuqala sonyaka?

How many children had birthdays in the first half of the year?

Elona nani liphezulu leentsuku zokuzalwa belingeka_____.

The highest number of birthdays was in

_____.

Elona nani lisezantsi leentsuku zokuzalwa belingeka_____.

The lowest number of birthdays was in

_____.

2

Iikeyiki ezibhakiweyo kwiveki ephelileyo

Cakes baked last week

10					
9					
8					
7					
6					
5					
4					
3					
2					
1					
	uMvulo Monday	uLwesibini Tuesday	uLwesithathu Wednesday	uLwesine Thursday	uLwesihlanu Friday

UThembi ubhaka iikeyiki aze azithengise kwimalike yasengingqini. Le grafu ibonisa inani leekeyiki azibhakileyo kwiveki ephelileyo.

Thembi bakes cakes and sells them at a local market. The graph shows how many cakes she baked last week.



Zingaphi iikeyiki azibhake ngoMvulo?

How many cakes did she bake on Monday?

Zingaphi iikeyiki azibhake ngoLwesithathu?

How many cakes did she bake on Wednesday?

Zingaphi iikeyiki azibhake ngoLwesihlanu?

How many cakes did she bake on Friday?

Zingaphi zizonke iikeyiki azibhake kule veki?

How many cakes did she bake altogether this week?

Uzibhake ngoluphi usuku ezona keyiki zininzi?

On what day did she bake the most cakes?

Ingaba ubhake iikeyiki ezininzi ngoLwesine okanye ngoLwesihlanu?

Did she bake more cakes on Thursday or Friday?

Zingaphi ngaphezulu?

How many more?

Ukubonisa iincukacha Representing data


IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGE-10/
LINGAPHANTSI NGE-10
10 MORE/10 LESS

UMDLALO
GAME


UPHULISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS



1 Yakha incochoyi yeebloko!

Build cube towers!




2 Fakela umbala kwiibloko ukuze ubonise inani leentyatyambo, iinyosi namabhabhathane.

Colour in the blocks to show the number of flowers, bees and butterflies.

- 3 Thelekisa. Bhala $>$, $<$ okanye $=$.
Compare. Write $>$, $<$ or $=$.

Qwalasela iinkcukacha ezikumbuzo wesi-2 ukuze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Study the data from question 2 to answer the questions on this page.



- 4 Zininzi kangakanani iinyosi kunamabhabhathane?
How many more bees than butterflies?

Maninzi kangakanani amabhabhathane kuneentyatyambo?
How many more butterflies than flowers?

Zingaphi izinambuzane?
How many insects?


5



USindi ubuze abahlobo bakhe ngemibala yabo abayithandayo.

Sindi asked some friends about their favourite colours.

Imibala
Colours



Ngowuphi owona mbala uthandwayo?

What is the favourite colour?

Baninzi kangakanani abafundi abathanda umbala omsobo kunozuba?

How many more learners like purple than blue?

Bangaphi abafundi ababuzileyo uSindi malunga nemibala yabo abayithanda kakhulu?

How many learners did Sindi ask about their favourite colour?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

LINGAPHEZULU NGE-10/
LINGAPHANTSI NGE-10
10 MORE/10 LESS

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

EyoMdumba 2021 February 2021

Mvulo Monday	Lwesibini Tuesday	Lwesithathu Wednesday	Lwesine Thursday	Lwesihlanu Friday	Mgqibelo Saturday	Cawa Sunday
1	2	3	4	5	6	7
8	9	10	11	12	13	14
15	16	17	18	19	20	21
22	23	24	25	26	27	28

1 Gqibezela ipikthografu usebenzise le mibala.

Complete the pictograph using these colours.

Sebenzisa umbala o-orenji okanye omthubi. Use orange or yellow.	Sebenzisa umbala ongwevu okanye omnyama. Use grey or black.	Sebenzisa umbala oluhlaza okanye ozuba. Use green or blue.
--	--	---

12			
11			
10			
9			
8			
7			
6			
5			
4			
3			
2			
1			

Zingaphi?
How many?



Zingaphi?
How many?



Zingaphi?
How many?





2

Zingaphi iintsuku kweyoMdumba 2021?

How many days in February 2021?

Zeziphi ezininzi:



okanye



?

Which were more:

or

?

Zininzi kangakanani?

How many more?

Zeziphi ezininzi:



okanye



?

Which were more:

or

?

Zininzi kangakanani?

How many more?

Zingaphi iintsuku zempelaveki?

How many weekend days?

Zingaphi iintsuku zesikolo?

How many school days?


Sesiphi isimo sezulu ebesixhaphakile kweyoMdumba 2021?

What was the most common weather in February 2021?

3

USam ubuze abahlobo bakhe ukuba baya njani esikolweni. Uzobe le grafu ukuze abonise idatha.

Sam asked his friends how they travel to school. He drew this graph to show the data.



Ubuze abahlobo abangaphi uSam?

How many friends did Sam ask?

Ingaba abafundi abaninzi bahamba ngeenyawo okanye bakhwela iteksi?

Do more learners walk or take a taxi?

Baninzi kangakanani?

How many more?

Ingaba abafundi abaninzi bakhwela iteksi okanye ibhasi?

Do more learners take a taxi or a bus?

Baninzi kangakanani?

How many more?

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

idatha

hlela

igrafu yemifanekiso

ezona zininzi

ezona zibalwa

In English we say:


data

sort

pictograph

most

least



1 Bala iziqhamo.

Count the fruit.

									
---	--	---	--	---	--	---	--	---	--

2 Gqibezela ipikthografu.

Complete the pictograph.

Iindidi zeziqhamo

Types of fruit

10					
9					
8					
7					
6					
5					
4					
3					
2					
1					
					

Mangaphi amapere?

How many pears?

Mangaphi ama-apile?

How many apples?

Sesiphi esona siqhamo sininzi esinaso?

Which fruit do we have the most of?

Yintoni umahluko phakathi kwenani lamapere nenani lama-apile?

What is the difference between the number of pears and the number of apples?

Zingaphi iibhanana?

How many bananas?

Zingaphi iioorenji?

How many oranges?

Yintoni umahluko phakathi kwenani leeorenji nenani leebhanana?

What is the difference between the number of oranges and the number of bananas?

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP -
UKUPHINDA KABINI
FIZZ POP - DOUBLING

UMDLALO
GAME



UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: IMath ekhawulezayo ngedayisi - baleka ukuya kwi-100

Game: Fast maths with dice - race to 100

- Dlalani ngababini.
Play in pairs.
- Phosa idayisi. Ukhumbule inani lakho.
Roll the dice. Remember your number.
- Nikanani amathuba.
Phosa kwakhona.
Take turns. Roll again.
- Dibanisa amanani.
Add the numbers together.
- Qhuba ude uyokufika kwi-100.
Keep going till you get to 100.



Ungasebenzisa
iibloko ukudibanisa.
Masidibanise ama-10.

You can use blocks
to add. Let's add 10s.



I Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

$40 + 20 = \underline{60}$	$10 + 40 = \underline{\quad}$	$50 + 20 = \underline{\quad}$
$20 + 60 = \underline{\quad}$	$40 + 40 = \underline{\quad}$	$80 + 20 = \underline{\quad}$

Usenokuyenza nangentloko!

You can also do it mentally!

$$53 + 30 = \underline{\quad}$$


Ungasebenzisa iibloko ukudibanisa. Masidibanise ama-10 nemivo.

You can use blocks to add. Let's add 10s and 1s.




Ama-53 ayafana nama-50 adibene nesi-3.

53 is the same as 50 and 3.




Ndidibanisa ama-30.

I add 30.



Ndihlanganisa iibloko xa ndidibanisa.

I put the blocks together when I add.



$$53 + 30 = \underline{83}$$

Kukho amashumi ama-5 namashumi ama-3. Xa edibene enza amashumi asi-8. Ndinama-83 ewonke.

There are 5 tens and 3 tens. That makes 8 tens. I have 83 altogether.



2 Sombulula usebenzise iibloko okanye ungazisebenzisi.

Solve with or without blocks.

$22 + 50 = \underline{72}$	$41 + 20 = \underline{\quad}$	$54 + 40 = \underline{\quad}$
$26 + 30 = \underline{\quad}$	$17 + 60 = \underline{\quad}$	$45 + 40 = \underline{\quad}$

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP -
UKUPHINDA KABINI
FIZZ POP - DOUBLING

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS


$$42 + 27 = \underline{\quad}$$

Ungasebenzisa iibloko ukudibanisa. Masidibanise ama-10 nemivo.
You can use blocks to add. Let's add 10s and 1s.




Ama-42 ayafana nama-40 anesi-2.

42 is the same as 40 and 2.




Ukudibanisa ama-27 kuyafana nokudibanisa ama-20 nesi-7.

Adding 27 is the same as adding 20 and 7.



Ndihlanganisa iibloko ndaweninye xa ndidibanisa.

I put the blocks together when I add.



$$42 + 27 = \underline{69}$$

Amashumi ama-4 kunye namashumi ama-2 enza amashumi ama-6. Imivo emi-2 kunye nemivo esi-7 zenza imivo esi-9. Ndinama-69 zizonke/zidibene.

4 tens and 2 tens makes 6 tens. 2 ones and 7 ones makes 9 ones. I have 69 altogether.



I Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

$32 + 23 = \underline{55}$	$21 + 32 = \underline{\quad}$	$46 + 31 = \underline{\quad}$
$36 + 51 = \underline{\quad}$	$55 + 24 = \underline{\quad}$	$62 + 17 = \underline{\quad}$

2 Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

Ungasebenzisa iibloko xa udibanisa. Dibanisa ama-10 nemivo. Zingaphi zidibene?

You can use blocks to add. Add the 10s and 1s. How much altogether?



$45 + 34 = \underline{79}$	$22 + 26 = \underline{\quad}$	$31 + 58 = \underline{\quad}$
$35 + 61 = \underline{\quad}$	$64 + 24 = \underline{\quad}$	$21 + 51 = \underline{\quad}$

3 Sombulula.

Solve.

Yenza ezi ungazisebenzisi iibloko zakho!

Do these without your blocks!



$30 + 20 = \underline{50}$	$30 + 30 = \underline{\quad}$	$20 + 40 = \underline{\quad}$
$50 + 30 = \underline{\quad}$	$40 + 30 = \underline{\quad}$	$70 + 20 = \underline{\quad}$
$70 + 10 = \underline{\quad}$	$50 + 40 = \underline{\quad}$	$60 + 30 = \underline{\quad}$

$38 + 20 = \underline{58}$	$37 + 30 = \underline{\quad}$	$27 + 40 = \underline{\quad}$
$58 + 30 = \underline{\quad}$	$44 + 30 = \underline{\quad}$	$72 + 20 = \underline{\quad}$
$71 + 10 = \underline{\quad}$	$53 + 40 = \underline{\quad}$	$64 + 30 = \underline{\quad}$

$38 + 21 = \underline{59}$	$37 + 32 = \underline{\quad}$	$27 + 41 = \underline{\quad}$
$58 + 31 = \underline{\quad}$	$44 + 33 = \underline{\quad}$	$72 + 25 = \underline{\quad}$
$71 + 12 = \underline{\quad}$	$53 + 45 = \underline{\quad}$	$64 + 34 = \underline{\quad}$

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP -
UKUPHINDA KABINI
FIZZ POP - DOUBLING

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

$$34 + 25 = \underline{\hspace{2cm}}$$


Masibonise ke ngoku umsebenzi wethu ngeebloko ze sibhale umsebenzi wethu ngezivakalisi manani.

Now let's show our work with the blocks and write our work in number sentences.




Ama-34 ayafana nama-30 anesi-4.

34 is the same as 30 and 4.




Ukudibanisa ama-25 kuyafana nokudibanisa ama-20 nesi-5.

Adding 25 is the same as adding 20 and 5.



Ndihlanganisa iibloko ndaweninye xa ndidibanisa.

I put the blocks together when I add.



$$\begin{aligned} 34 + 25 &= 30 + 20 + 4 + 5 \\ &= 50 + 9 \\ &= \underline{59} \end{aligned}$$

Singabhala ukubala kwethu ngolu hlobo. Dibanisa ama-10 nemivo. Sifumana ntoni xa zidibene?

We can write our calculation like this. Add the 10s and the 1s. What do we get altogether?



I Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.

Solve using blocks. Write what you did to work it out.

$$\begin{aligned} 24 + 12 &= \underline{20 + 10 + 4 + 2} \\ &= \underline{30 + 6} \\ &= \underline{36} \end{aligned}$$

$$\begin{aligned} 42 + 25 &= \underline{\hspace{2cm}} \\ &= \underline{\hspace{2cm}} \\ &= \underline{\hspace{2cm}} \end{aligned}$$

- 2** Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

$33 + 23 = \underline{30 + 20 + 3 + 3}$ $= \underline{50 + 6}$ $= \underline{36}$	$61 + 32 = \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$
$23 + 54 = \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$	$42 + 55 = \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$
$22 + 44 = \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$	$74 + 11 = \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$ $= \underline{\hspace{2cm}}$

- 3** UThando uthenge ipetroli ngee-R53. Uthenge nokutya ngee-R22. Uchithe malini iyonke?

Thando bought petrol for R53. He bought food for R22. How much did he spend altogether?

$$\begin{aligned}
 \underline{R53 + R22} &= \underline{R50 + R20 + R3 + R2} \\
 &= \underline{R70 + R5} \\
 &= \underline{R75}
 \end{aligned}$$

UOyama uthenge ipetroli ngee-R62. Uthenge ukutya ngee-R32. Yimalini ayichithileyo iyonke?

Oyama bought petrol for R62. He bought food for R32. How much did he spend altogether?

$$\begin{aligned}
 \underline{\hspace{2cm}} &= \underline{\hspace{2cm}} \\
 &= \underline{\hspace{2cm}} \\
 &= \underline{\hspace{2cm}}
 \end{aligned}$$

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

FIZZ POP -
UKUPHINDA KABINI
FIZZ POP - DOUBLING

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS



Masisebenzise iibloko zethu
size sibhale izivakalisi manani!

Let's use our blocks and
write number sentences!

1

ULebo uthenge ooshoti ngee-R45 nehemphe ngee-R32.
Yimalini ayichithileyo iyonke?

Lebo bought shorts for R45 and a shirt for R32. How much did he spend altogether?

$$\begin{aligned} R45 + R32 &= R40 + R30 + R5 + R2 \\ &= R70 + R7 \\ &= R77 \end{aligned}$$

ULikho uthenge ibhola ngee-R52 neekawusi ngee-R24.
Yimalini ayichithileyo iyonke.

Likho bought a ball for R52 and socks for R24. How much did he spend altogether?

$$\begin{aligned} &= \\ &= \\ &= \end{aligned}$$

2

Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.

Solve using blocks. Write what you did to work it out.

$$\begin{aligned} 36 + 31 &= 30 + 30 + 6 + 1 \\ &= 60 + 7 \\ &= 67 \end{aligned}$$

$$\begin{aligned} 43 + 25 &= \\ &= \\ &= \end{aligned}$$

$$\begin{aligned} 55 + 24 &= \\ &= \\ &= \end{aligned}$$

$$\begin{aligned} 41 + 38 &= \\ &= \\ &= \end{aligned}$$

- 3** Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.
Solve using blocks. Write what you did to work it out.

$28 + 31 = 20 + 30 + 8 + 1$ $= 50 + 9$ $= 59$	$43 + 35 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____
$57 + 22 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____	$83 + 12 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____
$53 + 42 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____	$57 + 32 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____
$65 + 24 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____	$55 + 23 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____

- 4** UThomas uthenge incwadi ngee-R32 namaphepha ngee-R24. Yimalini ayichithileyo iyonke?
Thomas bought a book for R32 and paper for R24. How much did he spend altogether?

$$\underline{R32} + \underline{R24} = \underline{\hspace{2cm}}$$

UFundi uthenge isichazimagama ngee-R36 namaphepha ngee-R23. Yimalini ayichithileyo iyonke?

Fundi bought a dictionary for R36 and a notebook for R23. How much did she spend altogether?

$$\underline{\hspace{2cm}} + \underline{\hspace{2cm}} = \underline{\hspace{2cm}}$$

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!



NgesiXhosa sithi:

iibloko zesiseko se-10

I-10 elinge liyafana nemivo elishumi.

Ndiyakwazi ukudibanisa amashumi kwaye
ndiyakwazi ukudibanisa imivo.

Ukudibanisa ama-25 kuyafana nokudibanisa
ama-20 nesi-5.

In English we say:

base 10 blocks

One 10 is the same as ten 1s.

I can add the tens and I can
add the 1s.

Adding 25 is the same as adding
20 and 5.

I Sombulula.

Solve.

$40 + 10 = \underline{\quad}$	$20 + 30 = \underline{\quad}$	$30 + 40 = \underline{\quad}$
$20 + 40 = \underline{\quad}$	$30 + 40 = \underline{\quad}$	$50 + 10 = \underline{\quad}$
$60 + 10 = \underline{\quad}$	$40 + 40 = \underline{\quad}$	$30 + 60 = \underline{\quad}$
$44 + 10 = \underline{\quad}$	$25 + 30 = \underline{\quad}$	$37 + 40 = \underline{\quad}$
$28 + 40 = \underline{\quad}$	$34 + 40 = \underline{\quad}$	$52 + 10 = \underline{\quad}$
$61 + 10 = \underline{\quad}$	$43 + 40 = \underline{\quad}$	$34 + 60 = \underline{\quad}$
$44 + 12 = \underline{\quad}$	$25 + 32 = \underline{\quad}$	$37 + 41 = \underline{\quad}$
$28 + 41 = \underline{\quad}$	$34 + 45 = \underline{\quad}$	$52 + 15 = \underline{\quad}$
$61 + 12 = \underline{\quad}$	$43 + 42 = \underline{\quad}$	$34 + 64 = \underline{\quad}$

2 Sombulula usebenzise iibloko. Bhala okwenzileyo xa ububala.

Solve using blocks. Write what you did to work it out.

$47 + 32 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____	$52 + 24 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____
$36 + 51 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____	$73 + 14 =$ _____ $=$ _____ $=$ _____

3 Sombulula iingxaki zamagama. Ungasebenzisa iibloko zakho.

Solve the word problems. You can use your blocks.

UThembi uthenge ubherana ngee-R31 nencwadi ngee-R26. Yimalini ayichithileyo iyonke?

Thembi bought a teddy for R31 and a book for R26. How much did she spend altogether?

$$\begin{aligned} & \text{_____} = \text{_____} \\ & \text{_____} = \text{_____} \\ & \text{_____} = \text{_____} \end{aligned}$$

UNtando uthenge ihempe ngee-R44 nebhola ngee-R15. Yimalini ayichithileyo iyonke?

Ntando bought a shirt for R44 and a ball for R15. How much did he spend altogether?

$$\begin{aligned} & \text{_____} = \text{_____} \\ & \text{_____} = \text{_____} \\ & \text{_____} = \text{_____} \end{aligned}$$

UPermie uthenge ama-apile ngee-R25 neebhanana ngee-R12. Yimalini ayichithileyo iyonke?

Permie bought apples for R25 and bananas for R12. How much did she spend altogether?

$$\text{_____} + \text{_____} = \text{_____}$$

Ukuthabatha amashumi

Subtracting tens

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

IIFEKTHI ZAMANANI
UKUYA KU-20
NUMBER FACTS TO 20

Umdlalo
GAME



UPHULISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngedayisi – baleka ukuya ku-0

Game: Fast maths with dice – race to 0

- Dlalani ngababini.
Play in pairs.
- Phosa idayisi. Thabatha inani lakho kwi-100.
Roll the dice. Subtract your number from 100.
- Tshintshiselanani. Phosa kwakhona.
Take turns. Roll again.
- Qhubeka nokuthabatha ude ufike ku-0.
Keep subtracting till you get to 0.



$$70 - 30 = \underline{40}$$

Ungasebenzisa iibloko
ukuze uthabathe.
Masithabathe i-10.

You can use blocks to
subtract. Let's subtract 10s.



Usenokuyenza nangentloko!

You can also do it mentally!

I Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

$60 - 30 = \underline{30}$	$40 - 20 = \underline{\quad}$	$50 - 20 = \underline{\quad}$
$60 - 50 = \underline{\quad}$	$80 - 40 = \underline{\quad}$	$90 - 60 = \underline{\quad}$

$$68 - 30 = \underline{\quad}$$


Ungasebenzisa iibloko uze uthabathe. Masithabathe kumashumi nakwimivo.

You can use blocks to subtract. Let's subtract from 10s and 1s.




Ama-68 ayafana nama-60 nesi-8.

68 is the same as 60 and 8.




Ndithatha ama-30.

I take away 30.



Ndiqinisekisa okuseleyo emva kokuba ndithabathile.

I check what is left after I have subtracted.



$$68 - 30 = \underline{38}$$

Kukho amashumi ama-3 nemivo esi-8. Umahluko ngama-38. Kushiyeke ama-38.

There are 3 tens and 8 ones. That makes 38. There is 38 left.



2 Sombulula usebenzise iibloko okanye ungazisebenzisi.

Solve with or without blocks.

$63 - 20 = \underline{43}$	$59 - 30 = \underline{\quad}$	$72 - 40 = \underline{\quad}$
$87 - 30 = \underline{\quad}$	$68 - 60 = \underline{\quad}$	$45 - 10 = \underline{\quad}$

Ukuthabatha ama-10 nemivo Subtracting 10s and 1s

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

IIFEKTHI ZAMANANI
UKUYA KU-20
NUMBER FACTS TO 20

UMDLALO
GAME

UPHUHLISO
LWENGQIYO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS


$$88 - 23 = \underline{\quad}$$

Ungasebenzisa iibloko ukuze uthabathe. Masithabathe ama-10 nemivo.
You can use blocks to subtract. Let's subtract 10s and 1s.




Ama-88 ayafana nama-80 anesi-8.

88 is the same as 80 and 8.




Ukuthabatha ama-23 kuyafana nokuthabatha ama-20 nesi-3.

Subtracting 23 is the same as subtracting 20 and 3.



Ndithatha iibloko xa ndithabatha.

I take away blocks when I subtract.



$$88 - 23 = \underline{65}$$

Kushiyeke amashumi ama-6 nemivo emi-5. Oko kwenza ama-65. Ndishiyekelewe ngama-65 emva kokuthabatha.

There are 6 tens and 5 ones left. That makes 65. I have 65 left after I subtract.



I Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

$58 - 24 = \underline{34}$	$63 - 32 = \underline{\quad}$	$46 - 31 = \underline{\quad}$
$86 - 54 = \underline{\quad}$	$55 - 42 = \underline{\quad}$	$69 - 17 = \underline{\quad}$

2 Sombulula usebenzise iibloko.

Solve using blocks.

Ungasebenzisa iibloko ukuze uthabathe.
Thabatha ama-10 nemivo.
Kushiyeke ezingaphi?

You can use blocks to subtract.
Subtract the 10s and 1s. How much is left?



$45 - 34 = \underline{11}$	$83 - 42 = \underline{\quad}$	$99 - 57 = \underline{\quad}$
$39 - 11 = \underline{\quad}$	$64 - 51 = \underline{\quad}$	$77 - 63 = \underline{\quad}$

3 Sombulula.

Solve.

Yenza ezi ungazisebenzisi iibloko zakho!
Do these without your blocks!



$40 - 20 = \underline{20}$	$70 - 30 = \underline{\quad}$	$80 - 10 = \underline{\quad}$
$50 - 30 = \underline{\quad}$	$80 - 40 = \underline{\quad}$	$90 - 50 = \underline{\quad}$
$60 - 20 = \underline{\quad}$	$90 - 60 = \underline{\quad}$	$70 - 10 = \underline{\quad}$

$45 - 20 = \underline{25}$	$78 - 30 = \underline{\quad}$	$86 - 10 = \underline{\quad}$
$59 - 30 = \underline{\quad}$	$82 - 40 = \underline{\quad}$	$93 - 50 = \underline{\quad}$
$67 - 20 = \underline{\quad}$	$94 - 60 = \underline{\quad}$	$71 - 10 = \underline{\quad}$

$45 - 22 = \underline{23}$	$78 - 36 = \underline{\quad}$	$86 - 15 = \underline{\quad}$
$59 - 37 = \underline{\quad}$	$82 - 42 = \underline{\quad}$	$93 - 51 = \underline{\quad}$
$67 - 23 = \underline{\quad}$	$94 - 61 = \underline{\quad}$	$71 - 11 = \underline{\quad}$

Ukuthabatha ama-10 nemivo Subtracting 10s and 1s

IZIBALO
ZENTLOKO
MENTAL MATHS

IIFEKTHI ZAMANANI
UKUYA KU-20
NUMBER FACTS TO 20

UMDLALO
GAME


UPHUHLISO
LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA
OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

$$58 - 31 = \underline{\quad}$$


Ungasebenzisa iibloko ukuze uthabathe.
Masithabathe ama-10 nemivo.

You can use blocks to subtract.
Let's subtract 10s and 1s.




Ama-58 ayafana nama-50
nesi-8.

58 is the same as 50 and 8.



Ukuthabatha ama-31 kuyafana
nokuthabatha ama-30 nomvo o-1.

Subtracting 31 is the same as subtracting 30 and 1.



$$\begin{aligned} 58 - 31 &= 58 - 30 - 1 \\ &= 28 - 1 \\ &= \underline{27} \end{aligned}$$

Kushiyeke amashumi ama-2
nemivo esi-7. Oko kwenza ama-27.
Umahluko phakathi kwama-58
nama-31 ngama-27.

There are 2 tens and 7 ones left.
That makes 27. The difference
between 58 and 31 is 27.



